# Siyayibinza !--I Afrika! !

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

Lento isisizwe ngomteto we Bhaibhile
Abangcatshi baso mabhubhe bapele
Bagqiba Isizwe bakupa nobuzwe
Bupel' ubukosi singenwe zizizwe.

Siyay' binza i Afrika makowetu!
Ngokuntamana sibulala amawetu
Seside sanxiba—ke nemix'aka
Yamawonga abulala i Afrika.

Elonxeba e Afrika libuhlungu
Sesicenga ngamawetu kubelungu
Xa ndilapo, andinazintlon' ukutsho
Kwanemisebenzi nantso nayo itsho.

Mawo! Mawo! Mawo! Mawotshe—
Satshabalala ngokuswela u Gqirashe
Yeyela! Ngelemkono i—Afrika
Ngokuyibinza yonke le Minyaka.

Na Congress, namigudu yenziwayo
Namfundiso nantoni elingwayo
Niyashiywa! Nilibele kukugxeka
Imke ke kupele yona i Afrika.

Ucalulo lukuti kwa nokungcatshana
Iqwesheke i Afrika sisagxagxisana
Inene singabhanga sike sazipata
Tu! Nto! Nabhongo elo lokuzipata.

Zulu! Mxosa! Msutu! Swazi! Tye
lase Mb'o
Bonke bayafana akunandzwe zimbho
Emhlabeni kunjalonje bakwa nto nye
Endalweni kwa ye Sizwe bandawonye.

Nichit' amawenu nincedis' Izizwe
Kuba nje nifuna ukongwa nilizwe
Zonk' imfihlo zetu bazaziswa nini
Umbuzo manditi kode kube nini?

Taru! Afrika! Inkonzo zizimbho
Mondli ebulawa ngabakowabo
Ngamanz' epalele ezintlabatini
Kauxele mfondini kodwa ke nenzani.

Bangapi o Judas abafe kumdaka
Bedlala ngebala layo le Midaka
Ibuyela emva yona i Afrika
Nenzan' ukwenjenje nibantu bangaka.

Ndiyabona noko sisaswele I Njoli
Ezingalimi izikondo zihleli
Osigquma nkungwini kuvele Ilanga
Zipitizele zixel' amax'alanga.

Nkosi—Sikelela i Afrika
Beti ziyikili ngezihlisa zodaka
Kuvelamabala zixel' ulovane
Ufake no pawu ukuze sivane.

Camagu!!

Umteteli wa Bantu (Johannesburg) August 2nd, 1924.